ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG

UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI
UHLELO OLUPHANTSI
(Iphepha Lokuqala)

IXESHA: 2 iiyure

AMANQAKU: 80

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa kuwo womathathu.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye.
- Nombola kakuhle imibuzo yakho.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

Funda isicatshulwa esilandelayo wandule uphendule imibuzo.



Tyhila

Bayabhala oonyana babantu, ziyabhala neentombi zabantu yaye ziyathetha ngemilomo yazo ingabekwa siziba nje. Xa uthe wakonwabela abakubhalayo, wakufunda ngengqiqo, asikho isityebi esogqitha wena. Ubutyebi asiyomali eninzi kuphela kodwa sityeba nangamava athi asixhobisele ukumelana neemeko zobomi. Gqiyazana lithile labhala futhi kwacaca gca ukuba oko lalikuthetha lalinamava ako.

USomikazi, intombi esomi yayithandana noSihle, into kaBhele kweliya lengca, kwaBhaca. Yayintle inzwakazi, intle kwanenzwana. Sasithandana esi sibini. Isomikazi lalisomelela nangakumbi kuthando lwalo xa uSihle ekufutshane nalo. Lalisoloko lilulangazelela uthando lwakhe njengentsana zilangazelela ubisi. USomi wayeye abulele de ayibonge imini ahlangana ngayo noSihle. Wambona ohlukile kubafana awakhe wahlangana nabo ngaphambili. Wayelithambo lamathambo akhe engenakuphila ngaphandle kwakhe.

USihle wayelubonisile ngokungathandabuzekiyo uthando lwakhe kuSomi. Xa wayekwiziyolo wayekunye naye, kwezinqunqutha zingcungcuthekise umphefumlo wakhe yayisekwanguye. Le nto umntu yikhabhathi ukuzazi. Yintoni le wayengayenzanga uSihle eyabangela ukuba angcungcuthekiswe adlakazeliswe kangaka nguSomi? Zazingasulwa nguye na iinyembezi zakhe? Yayingezozandla zakhe na ezazibopha amanxeba omphefumlo? Yayingezozandla zakhe na ezaziwaphulula amalungu omzimba wakhe nezivubeko zamhla mnene zipholisa iminjunju yentliziyo yakhe?

Ewe wayeyinto yonke empilweni kaSomi. Xa wawufuna umzali wayenguye kuye, ufuna umhlobo kwakukwanjalo, isithandwa esinyanisekileyo, isifuba esasigcina iimfihlo zakhe yayisekwanguye.

Imali, ewe imali yimpande yesono. Ngenxa yayo lwabhidlika uqilima leendonga zothando. Nantso intombi enkulu iphumelela intywenka yemali, amashumi amabini eemiliyoni zeeranti. Zaguquka izinto ngephanyazo zaba zininzi izikhalazo yangoneliseki intombi zizinto ezininzi. Yafuna kuviwe yona kwenziwe okufunwa yiyo. USihle waphathwa ngoku wathunywa ngapha nangapha wanga likhoboka. Zavuleka iintanda kuthando lwabo, waba namaxesha amaninzi angafumaneki ngawo uSomi ebeka bandla izizathu. Isinhanha sasisabona ezinye izinhanha, singenalo ixesha lendoda elambayo.

Yaba buhlungu yaligazi intliziyo kaSihle. Amaphupha akhe wayewabona etshabalala phambi kwakhe. Wayengayiboni indlela eya phambili kanti nebuyela umva. Singatsho sithi ingqondo yakhe yayimile ingasebenzi. Wayephila kuba ke umphefumlo wawusahlangene nenyama. Eya phambili yayimfiliba kuba yayingekho enye intombi awayeyithanda, wayengabuncama nobomi bakhe imeko isitsho. Xa wayengenakonwaba noSomi kwakungekho namnye owayenokonwaba naye. Esikwaziyo kukuba zachitheka iintente. Ngethamsanqa uSomi wasinda kwingozi yemoto nangona ke namhlanje ehamba ngesitulo.

1.1 Yintoni engasenza sibe zizityebi ngaphandle kwemali? (1)

1.2 Ungubani uSihle? (2)

1.3 'Wayelithambo lamathambo akhe'. Khawutsho okuthethwa leli binzana. (2)

1.4 USihle wayesenza okuthile ukubonisa uthando lwakhe kuSomi. Yitsho izinto ezi-3. (3)

1.5 Yintoni eyahlukanisa esi sibini? (1)

1.6 Bhala impendulo echanekileyo. Bhala isimboli.

A. USihle wayengumzali, umhlobo nesithandwa kuSomi.

B. USihle wayemthandela imali yakhe uSomi.

C. USihle wayesisityebi engenalo ixesha lika Somi. (2)

1.7 Khetha impendulo ka- A ku- B. Bhala isimboli.

| A | | B | |
|---|---|---|---|
| 1.7.1 | Kwezinqunqutha zingcungcuthekise umphefumlo. | A. | Wayephila. |
| 1.7.2 | Zachitheka iintente. | B. | Bohlukana. |
| 1.7.3 | Umphefumlo wawusahlangene nenyama. | C. | Wayebuhlungu kakhulu. |
| 1.7.4 | Intliziyo iligazi. | D. | Kwizinto ezivisa ubuhlungu. |

1x4=(4)

1.8 Bhala igama eliphikisa eli linomgca
Yayintle inzwana, intle ______. (1)

1.9 Ngokweembono zakho zeziphi iimpawu olunokusekelwa kuzo uthando olomeleleyo? Yitsho zibe-2. 1x2=(2)

1.10 Nika isihloko seli bali. (2)

1.11 Ungatsho na ukuba esi sibini sasithandana? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.12 Yintoni ebuhlungu nembi eyenzeka kuSomi? (1)

1.13 Ingaba yintoni esiyifundileyo kweli bali? (2)
**[25]**



**B.**

Mama undiphe ubomi. Undikhathalele waze wandifundisa okuhle. Uwe uvuka nam kumanzithi-nzithi obomi. Usoloko usisibane esingacimiyo kwizivunguvungu neenqwithela ezibhudlayo. Konke oku ukwazile ukumelana nako kuba unothando kusapho lwakho.

Ndiye ndaphambuka kwindlela ubunqwenela ndiphile ngayo amaxesha amaninzi kodwa akuzange uziqhelise kum kunoko uye wasondela nangakumbi. Ndiya kuthanda Radebe Mthimkhulu Ndlebezintle zombini, ungoyena mama ulungileyo onenkathalo nothando. Uyinqaba yami apho ndifumana khona ukhuseleko. Wandiphakamisa ndakuwa wandomeleza ndakudangala wandinika ithemba ndakuthandabuza. Ulithemba lam Thembakazi. Ndiyakuhlala ndikuhlonipha ngelixa ndisadla ubomi.

Uthando lwakho andiluthandabuzanga mhla uze kundibona ndilele ngandletyana nye esibhedlela. Akukhange undigwebe ngezenzo zam ezingalunganga. Akukhange undishumayeze ngendlela ekufuneka ndiziphathe ngayo. Into eyandimangazayo yindlela owandomeleza ngayo wenza ukuba ndizibone ndingophumelelayo kwimizamo yam ndizitungiselela ikamva eliqhakazileyo. Ndaziva ndonwabile. Kungale mini apho ndathabatha isigqibo ngobom bam. Ndiyakusoloko ndizama ngama-xesha onke ukwenza izinto ezilungileyo eziya kukwenza uziqhayise ngam.

1.14 Yitsho izinto ezimbini omthandela zona umama wakho. (2)

1.15 Lo mzali ulubonise njani uthando lwakhe emntwaneni wakhe akuphuma endleleni? (2)

1.16 Le ntombi yakwaMthimkhulu yayingumama onjani? (2)

1.17 Xa umzali wakho ekuthanda ngolu hlobo yintoni ubunokuyenza engamvuyisa? (2)

1.18 Yintoni ebalulekileyo ekuthethwa ngayo kwesi siqendu? (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

**ISISHWANKATHELO**

- Shwankathela ngamagama angama-50 isiqendu esilandelayo.
- Bhala ngokwengongoma.
- Bhala iingongoma zibe si-7.
- Bhala ingongoma kumgca ngamnye.
- Bhala ngezivakalisi zakho.
- Sebenzisa amagama angawakho.
- Bhala kwizibiyeli ( ) amagama owasebenzisileyo.

Impilo yethu ixhomekeke kuthi ngendlela esenza ngayo izinto. Abazali bethu banoxanduva lokusibonisa indlela eyiyo enokusakha ukuze nathi sibe ngabemi beli nabazali bangomso abanentlonipho, abazithandayo nabaneqhayiya ngobuzwe babo.

Kwizinto ezenziwa ngabantu abadala siyafunda kuzo. Ingaba zonke izinto abazenzayo zinokusakha? Hayi. Bangabantu benyama baneempazamo nabo. Thina masithabathe ezintle sishiye amanyundululu abo. Xa indod'enkulu ineminwe emide kwizinto zabantu, asizi kufunda ubusela kuba abusakhi. Akukho nto imnandi neyonelisa umphefumo njengokubona umsebenzi wezithukuthuku zakho, konke onakho ukufumene ngendlela eyamkelekileyo.

Iingxaki zethu silulutsha kukuba sifuna ukuphila ubomi babanye abantu. Iimeko zethu asizamkeli. Siphilela ukulwa nemeko engaphaya kwanamandla ethu. Asilingani singabantu. Into esiyifunayo ebomini lulonwabo. Sonwaba kakhulu xa sizazi ukuba singoobani na.

Intlonipho ayikokuhlonipha abadala kuphela nolutsha luyayilangazelela. Kuqalwa phi ke ukuze wonke ubani ahlonipheke? Qala uzihloniphe wena ukuze abantu bakuhloniphe. Indlela othetha ngayo nabantu yileyo nawe oyakuyifumana. Izinto ezincinane ezibonakala zingabalulekanga zingasehlisa isidima sakho.

Uhlangana nexhego endleleni, uyalibulisa wenze into entle kakhulu.

Masikhe sijonge apha kwezi meko:

A. Nontle: Molo
Utat'undlovu: Ewe

*Lo mzekelo ubonisa indelelo nokungabi nankathalo kulowo uthetha naye.*

B. Nontle: Molo xhego lam
UNdlovu: Molo mzukulwana / ntombam

*Umzekelo B; ubonisa uthando uxabiseko ubushushu bothando nentlonipho kwezi zithethi kungakhathaliseki ukuba ngumntwana kabani na okanye utata kabani na.*

Ukusebenzisa amabinza anjengokuthi, molo tata, sisi, okanye bhuti, uxolo mama, uxolo Thenjiwe, enkosi ndiyabulela njalo-njalo kusinika isidima nentlonipho. Ukucela akufani nokufuna into.

C. Andinazihlangu ndifuna izihlangu mama. Mama ndiphelelwe zizihlangu ndicela undithengele. Nantso ke bantu batsha! Masingasoloko sigxeka iimeko nezinto ezenzekayo nokuncoma kuyafuneka kuba ayikho into embi kwaphela. Apho kungalunganga masizame ukulungisa sizame ukunika izisombululo xa sinakho ngaloo ndlela ubomi bubamnandi bube nenjongo.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C

Phendula yonke imibuzo.

## UMBUZO 3

3.1 Funda esi siqendu wandule uphendule imibuzo.

> Wahamba umganyana ehambisa okonwabu kucaca ukuba wayekho undonakele. Waphumla. Iingutyana zakhe zaziphetshethwa ngumoya. Akukho mntu wayemkhathalele kuba kaloku abantu bayasoyika isifo ugawulayo.

3.1.1 Khetha izibizo ezikwisinciphiso. (2)

3.1.2 Fakela isakhi esiyobonisa isininzi kwigama: umntu (1)

3.2 Bhala isimboli kuphela.
Ukuhambisa okonwabu kuthetha:

A. Ukubaleka kuba abantu bengakufuni.

B. Ukuhamba kancinane okomntu ogulayo. (2)

3.3 Gcwalisa izikhewu ngamagama achanekileyo ukhethe kulawo owanikiweyo.
Bhala iimpendulo kuphela.

> Nca, lakatyu, chiphi-chiphi, bhaxa tu.

3.3.1 Athi amakhwenkwe akubona amapolisa e ______ ngaphaya kothango. 3.3.2 Ayothuke kuphele ______ ukuloqa kuba ayesazi azakubethwa athi 3.3.3 ______ impundu. 1x3=(3)

3.4 Bhali isivakalisi ngala magama:

> Edolophini, abantwana, ngemali, bathenga, yabo, izibiliboco, abayiphiwe, ngunina

(2)

3.5 Hlanganisa ezi zivakalisi:

> Zahamba ezo ntokazi zisingise kwilizwe ledinga. Kwakungemnandanga mhla zinduluka. (nangona)

(2)

3.6 Funda esi sivakalisi ze ubhale uqale ngala magama:

3.6.1 UmaNdlovu uthe ______ (3)

> "Abantwana abangaphulaphuliyo andibafuni yaye ndibohlwaya ngokungenalusini", utshilo umaNdlovu

3.7 Gqibezela

3.7.1 ______ (funda) babonwe ngentseni ukuba 3.7.2 ______ (lala) emagumbini abo. Balandwe ngamapolisa 3.7.3 ______ (idolophu). Bekunetheko 3.7.4 ______ (khulu) kusithiwa 3.7.5 ______ (indlela entle) kubafundi bebanga 3.7.6 ______ (ishumi). 1x6=(6)

3.8 Funda lo mhlathana ze uphendule imibuzo elandelayo.

> intsapho yendoda ibisaya kuba liqhayiya nebhongo Intlalo kaXhosa ibonisa indlela isizwe samaXhosa besiphila ngayo nangona namhlanje izinto seziguqukile. Umntwana oyinkwenkwe ubewazi umsebenzi wakhe ngokunjalo noyintombazana.

3.8.1 Kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi fakela iimpawu ezifanelekileyo. (2)

3.8.2 Bhala esi sivakalisi kwixesha langoku. Umntwana oyinkwenkwe ubewazi umsebenzi wakhe. (2)

3.8.3 Khetha igama elibonisa ubunini / ubunikazi. (1)

3.9 Khetha iintsingiselo zika-A ku-B ubhale isimboli kuphela.

Lalala umbethe itshoba kuDeyi emva kokugula ixesha elide. Nezalo mini zawothusa umzi kuba kaloku alitshoni lingenandaba. Zithi zakuxaka izinto kubhenelwe kumadoda amadala kuba inyathi ibuzwa kwabaphambili. Xa singazixeli iingxaki zethu asisayi kuncedwa kuba usana olungakhaliyo lufela embelekweni.

| A | | B | |
|---|---|---|---|
| 3.9.1 | Usana olungakhaliyo lufela embelekweni. | A. | Imini nganye inento zayo. |
| 3.9.2 | Inyathi ibuzwa kwabaphambili. | B. | Ukufa. |
| 3.9.3 | Alitshoni lingenandaba. | C. | Buza kwabanamava. |
| 3.9.4 | Itshoba lilele umbethe. | D. | Cela uncedo xa uneengxaki. |

1x4=(4)

3.10 Bhala amagama aphikisa lawo anomgca.

3.10.1 Ufike uninakhulu epheke iinkobe ngeli xesha u ______ ebuyisa iinkomo emadlelweni. Ubhuti wakhe ubencedisa evalela amathole, UNomfino, 3.10.2 u______ wakhe elungiselela ukuphothula iinkobe. (2)

3.11 Khetha kumagama owanikiweyo ubhale izithethantonye zamagama anomgca.

| Amanzi, emtshatweni, itreyini |
|---|

Babeqabele 3.11.1 uloliwe osinga eThekwini. Endleleni abantwana babesela wena 3.11.2 mvotho nawe siselo kaloku kwakusiyiwa 3.11.3 emdudweni kutshata intombi kaDlamini. (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**